Isalathiso: 20200630-6717
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe; kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Iimviwo zikaNovemba 2020 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke: linkqubo nesikhokelo sokuqhutywa kweemviwo zepraktikhali zokugqibela kwizifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts*

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*DBE*) linqwenela ukuba uthathele ingqalelo iinkqubo emazilandelwe ngokuthe mbo xa kuqhutywa iimviwo zepraktikhali zokuphela konyaka zezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts*.

2. Amaphepha emibuzo ka-2020 eemviwo zepraktikhali zokuphela konyaka zezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts* (*Design Paper 2 and Practical and Visual Arts Paper 2*) aya kuba nala macandelo mabini alandelayo:
   - *Section* A: *Source Book or Workbook*
   - *Section B*: *The Artwork or Product*

3. Izikolo namaziko ezobugcisa makaqinisekise ukuba bonke abaviwa abenza izifundo ze-*Design* kunye/okanye i-*Visual Arts* banephepha lemibuzo nge-22 Julayi 2020, ukuze banikwe ithuba lokufumana ingcaciso ngeCandelo A lephepha lemibuzo. Abaviwa mabasayine irejista besakuba belinikiwe iphepha lemibuzo.

4. Kwiiveki zokugqibela ezintathu zeeKota ze-2 neze-3, abaviwa mabalugqibe uphando olwaneleyo baqokelele yaye badibanise zonke izinto zokufunda ezifanelekileyo zokulungiselela iCandelo A lephepha lemibuzo yomviwo. ICandelo A lingenziwa nokuba kungexesha lokufundisa okanye emva kweeyure zesikolo.

5. ICandelo A loviwo lwepraktikhali maligqitywe ngaphambi kokuqala iCandelo B loviwo lwepraktikhali.

6. ICandelo B malibe seligqityiwe nge-23 Oktobha 2020.

7. ICandelo B loviwo lwepraktikhali malizaliswe phantsi kwemimiselo yeemviwo kwindawo yokubhalela iimviwo ngethuba lokufundisa eliqhelekileyo kungabi ngexesha lasemva kweeyure zesikolo okanye ngeempela-veki. Kucetyiswa ukuba kulungiselelwe iiseshoni zeentsuku eziliqela zeeyure ezine ukuya kwezintandathu eziliqela, bade bonke abaviwa babe bawugqibile umsebenzi wabo wezobugcisa (*artwork)* okanye isiveliso sabo (*product*), okanye zide zigqithe iiyure eziyi-24 ezabelwe lo msebenzi. Makwenziwe amalungiselelo angaphakathi kwisikolo ngasinye okanye kwiziko ngalinye ukulungiselela imisebenzi yezifundo zobugcisa enokufunwa likhondo elithile lezobugcisa, umz. eleesiramikhi.

8. **Kufuneka** kugadwe ngokungqongqo ngutitshala wezifundo ze-*Design* kunye/okanye ze-*Visual Arts* **kunye** nomgadi wabaviwa ngethuba lokuqhutywa koviwo.

9. **Akuvumelekanga** ukuba abaviwa bashiywe bebodwa xa besenza iCandelo B, **yaye bengavumelekanga** ukuba mabagoduke nemisebenzi yobugcisa okanye eyenziwayo engagqitywanga. Yonke imisebenzi yobugcisa okanye iiprojekthi zepraktikhali ezingagqitywanga mazigcinwe esikolweni kude kube yiseshoni elandelayo ebhalwe kwithayimtheyibhile.

10. Kucelwa zonke izikolo okanye amaziko afundisa izifundo ze-*Design* kunye/okanye ze-*Visual Arts* ukuba angenise iithayimtheyibhile zawo zokwenziwa kweCandelo B kuMcwangcisi weMfundo oneQhuzu wezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts* ku-: Ellene.Louw@westerncape.gov.za phambi kwe-11 Agasti 2020. UMcwangcisi weKharityhulam oneQhuzu makazidibanise iithayimtheyibhile ngeenjongo zokubeka inkqubo esweni.

11. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) neSebe i-*DBE* likazwelonke baya kuthi kwakhona babeke esweni ukubhalwa kwezi mviwo zepraktikhali. Ishedyuli yokubekwa esweni kwezi mviwo zepraktikhali, esekelwe kwiithayimtheyibhile ezingeniswe zizikolo nangamaziko, iya kungeniswa kwakhona kwiSebe i-*DBE* likazwelonke naku-Umalusi.

12. ISebe i*WCED* liya kucwangcisa imihla yokumakisha nokumodareyitha ukuqinisekisa ukuba yonke imisebenzi yepraktikhali iyamakishwa yaye imodareyithwe ungadlulanga owe-20 Novemba 2020.

13. Nayiphi na imibuzo engokuqhutywa kweemviwo zepraktikhali zokuphela konyaka zezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts* inokuthunyelwa kuNks Ellené Louw kule dilesi ye-imeyili ku-: Ellene.Louw@westerncape.gov.za.

14. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu malunga noku.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-07-16